**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 120**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu - A, B, C.
- Kwicandelo A uphendula umbuzo owodwa.
- Kwicandelo B ukhetha uphendule imibuzo emibini kanti ku C umele ukukhetha uphendule umbuzo owodwa kuphela.
- Ubuxelegu nopelo-gwenxa azamkelekanga.

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

**IZINCOKO**

Khetha ubhale ngesincoko sibe SINYE kwezi ntloko zilandelayo. Ubude mabube ngama-450-550, amaphepha AMABINI mawagcwale.

1.1 Apha sibona uSipho noThemba bephumle kamnandi, bexoxa ngombandela wokungabethwa kwabantwana ezikolweni, ukuza bekhulelwe kwanokukhutshwa kwezisu. Bhala ingxoxo phakathi kwesi sibini.




(40)

1.2 Xa ujonga lo mfanekiso ulandelayo unento oyifundayo ebusweni baba bantu. Bhala isincoko-mbaliso waneke ezakho izimvo ubonise ukuba "UKUFA LUTSHABA".



(40)

1.3 Abaqhubi zimoto belizwe lethu abanamonde konke konke. Imvisiswano ayikho phakathi kwabo, elowo nalowo ufuna ukuba yinkosi endleleni. CHAZA ke ngesihloko esithi "LOLWANTONI NA UCHUKU EZINDLELENI". (40)

1.4 Ubungozi beziyobisi. (40)

1.5 Xa ndinokuba nguCeba kwingingqi yam. (40)


**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

KHETHA UBHALE INCWADI IBE NYE

2.1 Bhalela kulo mzi-mveliso ukumfanekiso olandelayo ucele umsebenzi




(20)

2.2 Bhalela unyokolume umxelele ngengxaki yakho njengoko umama wakho waya kwenda nawe. (20)

**UMBUZO 3**

KHETHA uphendule umbuzo ube MNYE

3.1 Yenza isigxeko-sincomo sencwadi owakha wayifunda / indawo yokutyela owakha wayityelela. (20)

**OKANYE**

3.2 Kusweleke umhlobo wakho osenyongweni obumazi ukusuka nokuhlala, abegazi kuye bakucele ukuba ubabhalele "ubomi ngomfi" ngalo gxa wakho. (20)

**UMBUZO 4**

KHETHA uphendule umbuzo ube MNYE

4.1 Ungusomaqhuzu emsebenzini, kukho intlanganiso exheshekileyo, awufumananga thuba lokwazisa abasebenzi ngayo. Njengoko bonke besebenza ngeekhompyutha, bathumelele ii-emeyile ubamemele kule ntlanganiso. (10)

**OKANYE**

4.2 Yenza isibhengezo sentengiso yendlu yakokwenu. Yibeke imeko yayo ibe nomtsalane kubo bonke abathengi, beze begilana, inguwashiywa ukuza kuyithenga. (10)

**AMANQAKU ECANDELO B: [50]**

## ICANDELO C

**UMBUZO 5**
**IINTSOMI**

***Sasinoncwadi Kwatanci* - S.C. Satyo**

5.1 Nika amaqhalo azizithetha-ntonye nala alandelayo:

5.1.1 Akukho mpukane inqakulela enye.
5.1.2 Inkqayi ingena ngeentlontlo.
5.1.3 Umzondo awuziva kunuka.
5.1.4 Inkovu iphuma ethangeni 2x4=(8)

5.2 Yakha izaci zesiXhosa eziqhelekileyo kula magama angezantsi

(a) Ukuhla
(b) Ukubeka
(c) Ukufa
(d) Ukuphosa 1x4=(4)

5.3 Chaza intsingiselo yentetho ethi : Sasinoncwadi kwaTanci. (3)

5.4 Sombulula la maqhina alandelayo?

(a) Ndinantsimi yam ichuma kunene kodwa iyalana nokuvunwa, ikhathaze ngokukodwa.
(b) Ndinamfazi wam ubopha inyanda enye ngeentambo ezininzi.
(c) Ndinamntu wam uguga emi bhuxe ngeenyawo.
(d) Jikelele ngqu. 1x4=(4)

5.5 Yintoni kanene intsomi? (3)

5.6 Bhala izangotshe zibe ZINE nezithi zisetyenziswe ngumbalisi zintsomi xa abalisayo. 1x4=(4)

5.7 Ngoobani ababalisi beentsomi? (1)

5.8 Leliphi ixesha elichanekileyo lokubaliswa kwezi ntsomi? (1)

5.9 Sesiphi isilwanyana esaziwa ngamaqhinga ezintsomini? (1)

5.10 Sesiphi isilwanyana esidume ngamandla noburhalarhume ezintsomini? (1)
**[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6**

6.1 Hlalutya intsomi engentombazana nesigebenga phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

6.1.1 Umyalelo. (3)
6.1.2 Ukutyeshelwa komyalelo. (4)
6.1.3 Ungcungcutheko. (8)
6.1.4 Usindiso. (8)
6.1.5 Imfundiso. (3)
6.1.6 Kolwakho ulwazi ngaba isekho imfuneko yokubaliswa kweentsomi? Xhasa impendulo yakho ngokuvokothekayo. (4)
**[30]**

## OKANYE

## UMBUZO 7
## AMABAL' AMAFUTSHANE

***Apha Naphaya*** **- D.M. Jongilanga**

7.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo eya kusilandela

> Yayihamba ke ivusa ibubu leempukane apha naphaya ezazithe waca phezu kwesonka esingundileyo, kungenjalo zambese inja efileyo. Ibisakuthi yakudlula kuzo zithi bhuu okweenyosi, ngakumbi oohodoshe... Ngamanye amaxesha le nkwenkwana ibinyamekela ukuphepha amabala amanzi, ayesitsho kufumane kube sisanqaka nje ukunuka oku.

7.1.1 Ngubani na lo kubaliswa ngaye apha? (1)
7.1.2 Ithini intloko / isihloko seli balana? (1)
7.1.3 Chaza ingxaki awayejongene nayo ebomini lo mntu kubaliswa ngaye apha. (4)
7.1.4 Betha nje koomofu ngesimo sentlalo sale ndawo kubaliswa ngayo. (4)
7.1.5 Senzo sini esenziwa yile nkwenkwana nesagqibela siyifake kwenkulu yona inkathazo le? (2)

7.2 Funda kwakhona esi sicatshulwa singezantsi wandule ke ukuphendula imibuzo oyinikiweyo:

> Uthe esajonge le suke ngenye imini wathi xa abeka ukutya etafileni wathi xhafu, xhafu, xhafu kabini uninazala waphosa phaya elo cephe ekhalaza, "Kowu! Magqwashu! Andiqhele kutya ukutya okukrwada kulo mzi. Ndikruqukile kukutya ukutya okukrwada."
> "O! Yini mama! Ndiba ndithathe ixesha lam nje ekuyiphekeni le mbiza" uphendule ebanda umfazana. "Suka wethu andiyohagu mna. Bendingazi ukuba kanti nifunde nje iincwadi. Ngeniqale ngowendlu umsebenzi nagqibela ngeencwadi," watsho ephakama umfazi omkhulu ezisikela isonka. <u>Wasishwaqa sinjalo</u> efuna ukuba unyana lo wakhe abubone ububi bale nto.

7.2.1 Xela amagama abantu ababini abathethayo apha kwesi sicatshulwa. (2)
7.2.2 Bazalana njani aba bantu babini? (2)
7.2.3 Nika igama lalo nyana ukhankanywa ngulo mntu uthethayo apha. (1)
7.2.4 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)
7.2.5 Siphuma kweliphi ibalana esi sicatshulwa? (1)
7.2.6 Baphila ubomi obunjani kweli khaya emva koku kuxambulisana? (3)
7.2.7 Galelo lini elenziwa ngunyana ukuzama ukuxazulula ingxaki yaba babini? (2)
7.2.8 Ekugqibeleni umfazana weza naliphi icebo ukuzama ukuzikhulula kule ngxaki? (1)
7.2.9 Ngaba lasebenza icebo lakhe? Xhasa impendulo yakho ngokuthi ucaphule ngeziganeko zeli balana. (4)

**[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8**

8.1 Hlalutya ibalana likayise kaDengana phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

8.1.1 Ingxaki kaNovayithi.
8.1.2 Isisombululo sayo. (10)
8.1.3 Imfundiso yombhali. (15)
(5)

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 120**

**ISIPHELO**